S.E. Mqayi: *Imvo Zabantsundu* (25 May 1910), page 2

**Yibonen' Injombe Yakomkhulu**

"Xa nite nalibona isikizi lesipanziso limi endaweni eyingcwele olesayo makaqiqe."

Ema Xhoseni ubusiti umzi onetyala wotuswe kukufika kwenjolana yakomkulu seyipete injombe (umsila wengwe utungelwe elutini), ifike iyitsho gxume enkundleni iti cwaka ke ingateti. Umninimzi lowo ke xa sekude kwalapo, angabuye enze nto yimbi ngapandle kokuhlaula lonke elotyala ati engenako awe pantsi ngedolo azicelele uxolo kwinjolana leyo yakomkulu, ibe yiyo eyakuteta kakuhle ngaye e Bhotwe, kuba ibesazi ukuba ukudungudelisa kuyakuba

Yincitakalo yomzi wake
Nokupanza kosapo lwake.

Ama Xhosa ke ngoko ngabantu abalindwebele kakulu isikizi lesipanziso. Isikova siviwa silila emaxhantini, itole lenkomo lilila[1] pambi konini xa kusengwayo, intsikizi nokuba yinja ibonwe pezu kwendlu emini, neminye imihlola elolohlobo, ibisiti yakubhaqwa itetiswe kabukali, kungapeli apo, kugxagxanyiswe kutatyatwe intonga ukuya kuviwa ko Siyazi ukuba ingaba yintonina eza kuhla. Kutiwa kuleminyaka eli 1910 emva kokunyukela kwe Nkosi yetu, ndawonye neminyaka ema[2] 240 pambi kokuzalwa kwayo, lo Mgca usabonakele amaxesha ali 14 qa, kube ukubonakala ngakunye kwawo uya ushiye indaba ezingati ngco mxhelo kubani.
Ute kwa ukutwasa kwawo lo wanamhla Umgca kwehla isigigaba ungekabonwa ngeliso lenyama: Unyana ka Sandile inkosi yetu no Noposi unina sebelele kobandayo; kwano Kumkuni wase Britani u Edward wesi Xenxe, onge ute mfixi yingqelana engepi, yati kanti leyo seyiyi njombe yakomkulu. Ukwenjenje oku Mhleli, anditeti luto, ndalatisa kupela umzi wakowenu kulanjombe[3] itiwe gxume esibhakabhakeni. Ewe, inxenye yetu ite iseva ukuba kuko inkwenkwezi enomsila ezakuvela igile ezinye, yawa ngamadolo nendololwane yatandaza. Ndiyabancoma abantu abalungisayo abo benjenjalo. Ngako oko ke:—

Yibonen' injombe Yakomkulu!
Luxolo na, lutshabana situnywa sezulu?

---

[1] lilela
[2] ena
[3] kulanjolombe

Masenze ntonina tina bonyana baka Adam?
Masenze ntonina tina lusapo lwenkohlakalo?
Yavel’ inkwenkwez’ eyavela ngo Sandile
Yavel’ inkwenkwez’ yase Mpumalanga.

Yibonen’ injombe Yakomkulu!
Batetil’ o Hali bayandulela,
Bangqin’ o Ntsikana bat’ ibinzile,
Bat’ ibinzil’ ixelela tina;
Az’ itinina kuti midak’ emnyama?
Zitaten’ intonga nising’ egqireni.

Yibonen’ injombe Yakomkulu!
Ndinenkunqele yegqira endilaziyo:
Laxelwa ngu Yisaya kwabakwa Juda,
Yalixel’ inkwenkwezi mini lafika
Walalat’ u Johane mini latwasa,
Kuba kutiwa latwas’ emlanjeni.

Yibonen’ injombe Yakomkulu!
Ugqitil’ u Kumkani wase Britani,
Ingangalal’ enkul’ engatshonelwa langa;
Kunge kumayana kwanje ngamazolo,
’Mva kokupikis’ abase Mpumalanga.
Lilani kakulu umkil’ umnt’ omkulu.

Yibonen’ injombe Yakomkulu!
Mabandl’ embedesho yiwani ngedolo.
Nani bomnqamlezo yiwani ngedolo;
Nina bomanyano yiwani ngedolo;
Vukani manxila nitandaze nani,
Inkomo negusha mazizile nazo.

Yibonen’ injombe Yakomkulu!
Lusapo lwase Mbo zikisan’ ingqondo,
Yivani be Sutu, nani bakwa Zulu,
Bafo bakwa Xhosa bo Mteto ka Mteto,

Gqalani lomhlola nitatise kude.
Nal' itshoba enkundleni lize kupanzisa.
Yibonen' injombe Yakomkulu!
Ukutet' okunamandla kusezenzweni,
Namhla silusapo luka Joji wesi Hlanu,
Ubeza kuwela wabuya wanqandeka;
Kutet' i Silamsi emazibukweni,
Lati: Maze lomhla ube ngowenzilo."

Yibonen' injombe Yakomkulu!
Kwa Jay' omkulu wezihlwele,
Kwa Temba-tamsanqa kudliwa kobom
Kwa Duma barwaqele kwi Ntab' e Sinayi;
Unqhin' izingel' imipefumlo,
Uzibel' imihlamb' eyalanayo.

Yibonen' injombe Yakomkulu!
Lomsila wale ngwe wuqondeni,
Libuzen' ityala sitaruzise
Tina siqashe ngecala letamsanqa;
Nditi ndinenkunqele yegqira,
Ngu Makanda-Matatu igama,
Latwasa ngo Moya nanga Manzi,
Le njombe
Yakomkulu mayibonwe!!!